Utata kaKhosi ukwiqela labadlali bemiboniso bhanyabhanya. Uphangela kude nekhaya.





Uza kuba kude nekhaya ithuba elide.

Yonke imihla uKhosi ubuza umama, “Ubuya nini utata ndiyamkhumbula?”

“Nam ndiyamkhumbula Khosi,” uphendule uMama emanga.





UTata ukhumbula uKhosi kakhulu.
Ukhumbula uncumo lwakhe.

“Ndinga ndingambona uKhosi,” uyacinga.

UKhosi ukhathazekile iinyembezi ziyazehlela ezidleleni. Ukhumbula utata wakhe kakhulu. Ukhumbula uncumo lwakhe xa emanga.





UTata uncokola noKhosi.

“Ubuya nini tata?”

“Ungakhathazeki Khosi sendizakuba sekhaya.  Usuku lunye nje ndifike.”

UKhosi ubona utata esiza amhlangabeze amange.

“Bendikukhumbula kakhulu tata wam endimthandayo,” utshilo uKhosi evuya.

“Ndiyakuthanda nam sana lwam,” uphendule watsho uTata.

